**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

   | | | |
   |---|---|---|
   | ICANDELO A: | Inoveli | (35) |
   | ICANDELO B: | Idrama | (35) |
   | ICANDELO C: | Amabali amafutshane | (35) |
   | ICANDELO D: | Isihobe | (35) |

4. Phendula IMIBUZO emiBINI iyonke: umbuzo NGAMNYE ukhethwa NAKUWAPHI amacandelo amaBINI.

   ICANDELO A: INOVELI
   Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA
   Phendula umbuzo kwidrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE
   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

   ICANDELO D: IMIBONGO
   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBINI.

5. Sebenzisa itshekhlisti ukuzincedisa.

6. Landela imiyalelo esekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

7. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

8. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

9. Ingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 KWICANDELO NGALINYE.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## IPHEPHA LESIQULATHO

Eli phepha liza kukunceda ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| **INANI LOMBUZO** | **AMANQAKU** | **IPHEPHA** |
|---|---|---|
| **ICANDELO A: INOVELI**<br><br>**Phendula imibuzo ekwinoveli oyifundisiweyo.** | | |
| 1. *Kusa Kusihlwa* | 35 | 5 |
| | | |
| 2. *Umqol' Uphandle* | 35 | 8 |
| **ICANDELO B: IDRAMA**<br><br>**Phendula imibuzo ekwidrama oyifundisiweyo.** | | |
| 3. *Ndiyekeni* | 35 | 11 |
| **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.** | | |
| 4.1 'Izibhovubhovu zaseBhayi' | 18 | 15 |
| | | |
| 4.2 'Umntu akalahlwa' | 17 | 16 |
| **ICANDELO D: ISIHOBE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.** | | |
| 5.1 'Amasele phezu kodonga' | 17 | 18 |
| | | |
| 5.2 'Funzela enzulwini' | 18 | 20 |

**ITSHEKHLISTI**

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDU-LWAYO | PHAWULA (√) |
|---|---|---|---|
| A: Inoveli<br><br>(*Kusa Kusihlwa*)<br>(*Umqol' Uphandle*) | 1–2 | 1 | |
| **OKANYE** | | | |
| B: Idrama<br><br>(*Ndiyekeni*) | 3 | 1 | |
| **OKANYE** | | | |
| C: Amabali amafutshane<br><br>('Izibhovubhovu zaseBhayi')<br>('Umntu akalahlwa') | 4 | 1 | |
| **OKANYE** | | | |
| D: Isihobe<br><br>('Amasele phezu kodonga')<br>('Funzela enzulwini') | 5 | 1 | |

**QAPHELA:** Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

## ICANDELO A: INOVELI

Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

### UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

1.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA A**

'Dadobawo! Ungakhe ulinge undixelele ngento yokwenda kwam, ungazange wende wena. Ndiyakucebisa ukuba ungangeni ezintweni zam. Andinakuze ndiyinyamezele le nokuba kuthiwa mandinyamezele. Ukuba kobu bulumko bakho uzama ukuquma uLungile kule mikhwa yakhe, ingasuka ihle ehlayo, torho. Uza kundazi namhlanje ukuba ndingubani na lo mfana kaNtsibande. Nokokuba sekusithiwa iintsiba zakhe zinde zigqiba ilizwe eli, ufike esitishini kule kaSoluthi intombi. Sis! Ndigezelwe **yinja!**?'

UYolisa umthobozile enyamezele ezo zinyembo naloo ntlamba wada waba uyanqandeka. Uyeke ngelithi umgcade ukufika kwakhe ngoLwesihlanu.

Njengokuba iveki isiya icutheka, nokhofukhofu lukaNomakhwezi luye lukhula ngokukhula ngokokude ngamanye amaxesha amane ukuhlasimla nokuba uyedwa. Ide yafika impela-veki waba uyafika uyise kaMpumelelo, loo nto ebuya eyekelele umzimba engazi ukuba litshawuza imibane. Wayengenalo nofifi lokuba kunyembelekile.

Wafika ephethe ubugcwabalalana bezinto ezinjengeziqhamo, kunjalonje ebuphathele inkosikazi yakhe. Yayikwakho nelokhwe awayeyifumene ngexabiso eliphantsi kula maxabiso entengiso, phofu yona iyeyexabiso ngokudalwa. UMpumelelo yena wayephathelwe ibhulukhwe.

Ibisisiqhelo esi. Utata xa ezayo kwakusaziwa ukuba uza kufika namaqithiqithi, wonke umntu abe nento ayifumanayo. Ebesithi esihla nje abe esamkelwa ngumama nonyana nabapheki eze kuphathiswa impahla ayiphetheyo, athi esihla nje abe amanzi ashushu ebekwa.

1.1.1 Uyintoni uYolisa kuNomakhwezi? (1)

1.1.2 Ngcinga ni enikwa ngamazwi akrwelelwe umgca ngaphantsi ngoYolisa? (2)

1.1.3 Xela umkhwa ube MNYE kwimikhwa kaLungile athetha ngayo uNomakhwezi? (1)

1.1.4 Sesiphi isiganeko esiqhubeke kanye emva koku kukwesi sicatshulwa? (2)

1.1.5 Xela udidi lwesafobe esibhalwe ngqindilili. (1)

1.1.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi: Ijelo lokubalisa elivezwa sesi sivakalisi, 'Wayengenalo nofifi':

A Lelokuba ibali libaliswa ngomnye wabalinganiswa.
B Lelokuba ibali libaliswa ngumbhali ngokwakhe.
C Lelokuba ibali lenziwa lizithulule ngokwalo.
D Lelokuba ibali libaliswa kumntu wokuqala. (1)

1.1.7 Cacisa okutyhilwa ngumbhali ngemo akuyo uNomakhwezi ngala mazwi, 'Iitshawuza imibane'. (3)

1.1.8 Tyhila isigqebelo esivezwa kukuziswa kukaNomakhwezi nguYolisa emzini wakhe. (2)

1.1.9 Sicatshulwe kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

1.1.10 Xela isenzo sikaMpumelelo esimenze wabonwa njengogqirha wodumo kule ncwadi. (2)

**KUNYE**

1.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA B**

Uthe akuqwalasela uMpumelelo ekhaya apha waphawula ukuba asingomsebenzi owenziweyo ngummangaliso. Ivenkile yakowabo yayandiswe yankulu yaza **yahonjiswa** ukwenzela ukuba ibe nombizane. UThamsanqa wayesefumene nemvume yesilarha, naso sesiqalisile. Nala mahlandinyuke sesikhe saweva mayela nale venkile athe kanti <u>afike endodeni</u>.

Kwakhona waphawula ukuba indlu yakowabo yokuhlala ibuye yakhiwa okutsha ngendlela ebukekayo. Urhwebo jikelele lwaluqhuba ngendlela eyanelisayo kakhulu kuba phezu kweveni, kwakusekufunwe neloli yokuthutha impahla. Kwathi kanti lo ngcembe wezi senti, emva kweminyaka uzala into.

Uyisemncinci wayeqeshe nabantu bokujonga la mashishini, yena engumongameli wawo omabini. Kwakukho nelinye inxiwa awayelifumene komnye umntu apha eG.G. enenjongo yokuba uza kwakhela unyana wakhe, uMpumelelo, indawo yokuxilongela ukuba uyathanda koko uMpumelelo wayengenazinjongo zakusebenza eThekwini.

Bathi bakudibana negqwetha lakowabo waneliseka kakhulu kukubona iincwadi ezicacisa ingxowa eyenziweyo ngala mashishini kule minyaka angekho, kuba kaloku igqwetha laliwulondolozile lo mzi lingafuni nokuqhelisa kwakubakho ugqwidi kwicala lala mashishini. Yonke into yayithe mbo, ngakumbi kuba kuthe kwakubizwa abaphendla-phendli beencwadi zamashishini banika ingxelo ekholisayo ngawo.

1.2.1 Wawenziwe ephi uMpumelelo lo msebenzi ungaka kokwabo? (1)

1.2.2 Linika mfanekiso ngqondweni mni igama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (1)

1.2.3 Lityhila ukuba ungumlinganiswa onjani uThamsanqa ibinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi? (2)

1.2.4 Chaza isimo sentlalo ngokwexesha esityhilwa sesi sivakalisi singezantsi:

'Urhwebo jikelele lwaluqhuba ngendlela eyanelisayo kakhulu kube phezu kweveni, kwakusekufunwe neloli yokuthutha iimpahla.' (2)

1.2.5 Wayeneenjongo zokusebenza phi uMpumelelo? (1)

1.2.6 Xela iingxaki zibeMBINI ehlangene nazo le venkile. (2)

1.2.7 Chaza isiganeko esiphembelela impixano kweli bali. (3)

1.2.8 Kungumqondiso wantoni ukuwela kwekati emnyama phambi kwemoto kaThamsanqa? (2)

1.2.9 Ngqina ngeengongoma eziNTATHU ukuba uMpumelelo ngumlinganiswa oyintloko. (3)
**[35]**

**UMBUZO 2: *UMQOL' UPHANDLE* – PM Ngani**

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA C**

'Nkos' enamandla! Yintw' endiza kuyithetha nabani le? … Ndiyinkosikazi yakwa … Hobe!' Yatsho seyicimela, ubuso ibugqume ngezandla. Ithe yakuba izityhilile, nokaHlobo engayingxamele, yakhalima, 'Ngxe, zinyanya zomzi wam!' – yatsho isithi bhutyu phantsi itshica phambi kukaHlobo, naye ke seleqoba iliso kuSajini.
'Heke! Ulibizile ke ngoku, nezinyanya uzinikile imbeko yazo. Qhuba ngokonwaba ngoku,' utshilo uHlobo, <u>ezimisele ukumthantamisa umntu wakhe</u>.

Iqale yazilungalungisa intokazi enkulu, yandula yathi:
'Uya kuz' uhamb' uhamb' udibane nezimanga!' itshilo intokazi.
'Kunjalo ukukhula, sis' omkhulu.'
'Yitsh' ubuphinde, nkos' am. Bendisathini kanene? … O! Bendiseza kukuxelel' izintw' ezi. Oku khulandini. Uyandibona? Ndinjenjenje, ndingumhlolokazi – usizana lomhlolokazi, intw' engento yehlwempu. Andinazizalwana, andinabantwana bakundondla – inkedama nje eyodwa, eyodwa jwi elizweni.'
'Kodwa izolo eli bendinaso isizalwana – esinye sona; umtshana wam. Kodwa kunamhlanje nje, akasekho kweli iphakade.' Zaphalala iinyembezi kule ntokazi kanye kwesi sithuba.
Uyibukele nje okaHlobo izinika ngokulila, emana empakuza kuhle ngenqawa yakhe. Wayeqonda ukuba yayilolu didi lwabafazi luthi lwakuthuthuzelwa luye lunyukelana ukulila. Wayivula yada ngelinini, yabonakala izisula iinyembezi. Uqale wangenelela.
'Ndiyavelana nawe, nkosikazi. Kodwa khawuqine wena, **njengemaz' endala**. Sifuna khesive eyona ngxaki yakho, sandule sikuncede.'
'Akasekho, mhlekazi, umtshana wam kweli phakadendini-iphakade elingenanceba! Ewe, uEddie, umntwan' odadewethu …'

2.1.1 Uyintoni uNkosikazi Hobe kuEddie Maga? (1)

2.1.2 Ngcinga ni enikwa sisivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi ngoNkosikazi Hobe? (2)

2.1.3 Yeyiphi into ayenzileyo unkosikazi Hobe ukubonisa ukuhlonipha izinyanya? (1)

2.1.4 Sesiphi isiganeko esiqhubeke kanye emva koku kukwesi sicatshulwa? (2)

2.1.5 Xela udidi lwesafobe esibhalwe ngqindilili. (1)

2.1.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi: Ijelo lokubalisa elivezwa sesi sivakalisi: '… ezimisele ukumthantamisa umntu wakhe.'

A Lelokuba ibali libaliswa ngomnye wabalinganiswa.
B Lelokuba ibali libaliswa ngumbhali ngokwakhe.
C Lelokuba ibali lenziwa lizithulule ngokwalo.
D Lelokuba ibali libaliswa kumntu wokuqala. (1)

2.1.7 Cacisa injongo kaNkosikazi Hobe yokusebenzisa amazwi athi, 'intw'engento yehlwempu'. (3)

2.1.8 Tyhila isigqebelo esivezwa kukuza kukaNkosikazi Hobe kwiofisi yamapolisa. (2)

2.1.9 Sicatshulwe kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

2.1.10 Xela isenzo sikaHlobo esimenze wabonwa njengomcuphi odumileyo kule ncwadi. (2)

**KUNYE**

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA D**

Induluke apho loo nqwelo inyubeleza ukuhamba. Icothoze kuhle phakathi kwaloo lokishi, sekungasekho bantu nangxolo ingako ezitrateni ngenxa yokuhamba kobusuku.

Iwudlule umfula weNgcabanga, yenyuka nge*Cemetery*, ye cebu ngerhange, yangena kwenye, yathatha enye, yaya icaca into yokuba ijonge e*Moonglow*. Kambe ilahlwe loo ndlela esithubeni, kwacinywa izibane. Isithathe isiphambuka **idwabaza emnyameni**, phakathi kwamatyholo … Ngxingxilili!

Yemisa njalo, ndaweni ithile.
Uphume apho uHlobo enywashuza ukuhamba. Amehlo ade aqhelana nobumnyama, wawubona kakuhle umzi wase*Moonglow*, phofu wawuse ukufuphi.

Wawumnyama tsiki, kungekho nalinye igumbi elinesikhanyiso. Kwakucacile ukuba kwakungekho mbutho ikhoyo ngobo busuku. Wavuyiswa yileyo kanye. Ithemba lakhe ibe kukubonana nalowo ubekelwe ukugcina lo mzi ngobusuku. Wayenehlebo naye.

Ucinge ngembawula- into ethandwa kakhulu zezi nkewu xa zishiywe zichachatheka engqeleni ubusuku bonke. Uhambe ebhekabheka, ekhangela icala elinesithatha; ejojajoja emoyeni, efuna ukurhawula ivumba lomlotha. Linani khona itshengele lethinzi!

Uthe tshe kude kufuphi into ebuphempe obenziwe ngamacangci. Wonde ngalo, enethemba lokuba woyifumana apho inkewu leyo, izithe tshwa kuloo mnquba, mhlawumbi. Uqale wajikeleza, efuna icala elinomnyango. Ude wawubhaqa.

Uthe engekaqondi nokuba utshixiwe na, wahlatywa sisithatha esibukhali, sivela ngakwicala abesiza ngalo naye. Uthe akuqwalasela, waqonda ukuba yimoto, phofu isemganyana.

2.2.1 Wayevela phi uDick phambi kokuba induluke le nqwelo? (1)

2.2.2 Linika mfanekiso ngqondweni mni ibinzana elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (1)

2.2.3 Sityhila ukuba ungumlinganiswa onjani uHlobo isivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi? (2)

2.2.4 Chaza isimo sentlalo ngokwexesha esityhilwa sesi sivakalisi singezantsi:

Uthe akuqwalasela, waqonda ukuba yimoto, phofu isemganyana. (2)

2.2.5 Wayeyifunela ntoni uHlobo le nkewu kuthethwa ngayo kwisicatshulwa? (1)

2.2.6 Xela imiqobo ibemiBINI ahlangene nayo uHlobo kuphando lwakhe kule noveli. (2)

2.2.7 Chaza isiganeko esiphembelela impixano kweli bali. (3)

2.2.8 Kungumqondiso wantoni ukukhanya okuluzizi kwesibane esasilwilwizela esazulwini, entungo eMoonglow? (2)

2.2.9 Ngqina ngeengongoma eziNTATHU ukuba uHlobo ngumlinganiswa oyintloko. (3)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

Phendula umbuzo osetwe kwidrama.

### UMBUZO 3: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA E**

| | |
|---|---|
| MAWONGA: | Kutheni na namhlanje akuzithembanga? |
| ZANELE: | Ukungazithembi yenye into ookhetshe noontloyiya bazungulana neenkedama zamatshontsho. |
| MAWONGA: | Amehlo am akagqobhozi kuwe Zan. Kuya kubanjalo kude kufiwe. |
| ZANELE: | Ligwiba lawo onke amadoda elo. Makhe ndiye kwenza iti. *(Emva kweti kulandele angatshiyo atshisa umntu kuphela. Uthe umfo akuthi mmfo kamnandi uZanele wamfundela enye incwadi.)* |
| ZANELE: | Papa ukuba ndinokuthi kuwe ndizele neqhiya enamasondo asixhenxe ungathini. |
| MAWONGA: | Nokuba seyiphantsi kwamanzi, kweentaba nakwinkotyo yehlathi, ndoyiphuthaphutha sana ndize nayo. |
| ZANELE: | O, kekhona! Ndikuthanda sendilele. Andazi ukuba bendiya kuthini na ngaphandle kwakho. O, papa wa-a-am. *(Watsho emanga. Babukana okwamaqalabonana.)* |
| MAWONGA: | Yintoni sana lwam? Ndikwenzele ntoni? |
| ZANELE: | **Igumbi lam lize papa lindenza iintloni ndakufikelwa nguwe. Akungendincedi ngedipozithi nje qha kuphela? Andinakuhlazeka ukho kule mpi yepati**. |
| MAWONGA: | Ufuna nje idipozithi? |
| ZANELE: | Oku kwayo yodwa papa, ndokubuyisela ungaphelanga unyaka. |
| MAWONGA: | Ndiya kukunika ngomso oku sthandwa, ibiyintoni idipozithi kwabathandana njengathi? |
| ZANELE: | Khon' ungatshongo mnqweno wam wobomi, olungenamsebenzi lufana nexina ehlokomayo. O, kofana yam, sthandwa sam sokugqibela! Ndingakwenzela ntoni? |
| MAWONGA: | Hlala nam ngonaphakade. *(Bawolane)* |

3.1.1 Uyintoni uZanele kuMawonga? (1)

3.1.2 Ngcinga ni enikwa ngamazwi akrwelelwe umgca ngaphantsi ngoZanele? (2)

3.1.3 Xela umkhwa kaZanele ovezwa yintetho yakhe ebhalwe ngqindilili. (1)

3.1.4 Sesiphi isiganeko esiqhubeke kanye emva koku kukwesi sicatshulwa? (2)

3.1.5 Xela udidi lwesafobe olusetyenziswe kwintetho kaZanele ethi, '**Igumbi lam lize papa**'. (1)

3.1.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi: Ijelo lokubalisa elisetyenziswa kakhulu kwiDrama lelokuba umdlalo ubaliswa:

A Ngomnye wabalinganiswa.
B Ngokuzithethela kwabalinganiswa.
C Ngumbhali ngokwakhe.
D Ngumbalisi owazi okuyinxenye. (1)

3.1.7 Chaza injongo kaZanele yokusebenzisa amazwi athi kuMawonga, '… ndizele neqhiya enamasondo asixhenxe …'. (3)

3.1.8 Tyhila isigqebelo esivezwa ngamazwi kaZanele ewabhekisa kuLoni athi:

'O, kekhona! Ndikuthanda sendilele. Andazi ukuba bendiya kuthini na ngaphandle kwakho. O, papa wa-a-am.' (2)

3.1.9 Sicatshulwe kweliphi inqanaba lesakhiwo somdlalo esi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

3.1.10 Xela isenzo sikaMawonga esimenze ukuba aphelelwe ngumsebenzi. (2)

**KUNYE**

3.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA F**

| | |
|---|---|
| FUNEKA: | Ukuba uyiloo mbo yondla amadoda akuzi kulunga. Amadoda adalelwe ukondla. |
| ZANELE: | Hayi ntombi musa ukude wolule, ndinqena nje ukulahla imbo yam ngophoyiyana. |
| FUNEKA: | Kulunge kanye uphoyiyana xa imbo inyanyeka; ngaphezulu ndikholwa apha kule ndlu ziintaka ezibekayo. *(Nkqo! **Nkqonkqo!**)* |
| FUNEKA: | Nguye lowo, kokwesihlanu kule veki simondla engatsitsi nto. Zimela phaya ewodrophini umyekele kum. *(Azimele angene uMawonga).* |
| FUNEKA: | Ngena. |
| MAWONGA: | Hallow mtshana. |
| FUNEKA: | Mh! |
| MAWONGA: | Kutheni na namhlanje? Waphusile uxam? |
| FUNEKA: | Kaloku kuhlwa kusisa iyileyo imini inezayo. Ndingakwenzela ntoni? |
| MAWONGA: | Uphi uZan? |
| FUNEKA: | Oko ebeye edolophini akakabuyi. |
| MAWONGA: | Awu! Ziziphi ezi venkile zivula de kubethe intsimbi yesine ngoMgqibelo? |
| FUNEKA: | Andinakuyazi ke leyo, kodwa ke ihambo iyazilawula. Ufika nam ndisiya ebholeni. |
| MAWONGA: | Hayi ungahamba mtshana, ndolinda noko. |
| FUNEKA: | Hi wethu, uza kuba sisitshixo sendlu yam, akuyazi indlu yakho? |
| MAWONGA: | Akuphazami? Kutheni? Uyaphazama mtshan' am. |
| FUNEKA: | Nakancinane. Phuma wethu ndiza kuvala ngoku. Uyana nangoko. |

3.2.1 Bathetha bephi uZanele noFuneka? (1)

3.2.2 Linika mfanekiso ngqondweni mni igama elibhalwe ngqindilili? (1)

3.2.3 Sityhila ukuba ungumlinganiswa onjani uFuneka isivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi? (2)

3.2.4 Chaza isimo sentlalo ngokwexesha esityhilwa yile ntetho ingezantsi.

'Ufika nam ndisiya ebholeni.' (2)

3.2.5 Kutheni uFuneka engafuni kushiya uMawonga endlwini yakhe? (1)

3.2.6 Xela imizamo kaMaziko ibemiBINI yokufumana isikhundla sobunqununu. (2)

3.2.7 Chaza isiganeko esiphembelela impixano kulo mdlalo. (3)

3.2.8 Kungumqondiso wantoni ukusetyenziswa komzekelo wethambo lenyoka nguMawonga kulo mdlalo? (2)

3.2.9 Ngqina ngeengongoma eziNTATHU ukuba uMawonga ngumlinganiswa oyintloko. (3)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Phendula imibuzo esetwe kumabalana OMABILI.

### UMBUZO 4: *NDAKUYICELA IVUTHIWE*– LL Ngewu and EZ Guqa

4.1 **'IZIBHOVUBHOVU ZASEBHAYI' – EZ Guqa**

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA G**

Le meko yonxunguphalo ibixelwa kwabasemagunyeni ababeqeqeshelwe ukulwa nobundlobongela, koko bona bakhalaze ngelithi abazifumani ezi ndlobongela. Zada zabanjwa ezi zibhongobhiyana ngeny'imini, koko zachitha nje usuku olunye kugcino lwabantu bakwantsasana. Lo wayemangalele ezi zikrelemnqa waquqa equqile kwabakwantsasana efuna ukuqonda ngomhla wetyala, kodwa emva kwexesha waxelelwa ukuba kulahleke uxwebhu oluneenkcukacha ngesimangalo. Umntu ujonge wajonga wabona ukuba umcimbi wokulwa nobugewu eDikeni ngowokuncanywa. Iqhubekile le nto bada abantu bakruquka zizikrelemnqa ezidlisela ngamakrele.

Kwalile ngeny'imini ezi zikrelemnqa zigqiba kuqhuba njengesiqhelo emzini wesiqhuza somfo wakwaMaqhazolo, kanti azivumisanga ukuba umninimzi ubesel'ezincamile ethe <u>maxhalanga ndidleni kuba amade ngawetyala</u>. Ziwushiyile umnyango ebezingene ngawo zihamba ngokukhululekileyo ukuya ngasesangweni, zixhakazela zizinto zeli khaya. Zanele nje ukusondela kwelo sango beziza kuphuma kulo, umfo kaMaqhazolo wakhulula irhuluwa kwahlokoma iDike yonke. Ulibethe lavuthuluka iqatha lesikrelemnqa **langathi ngamagqabi omthi** ubethwe ngamatye esichotho. Ezinye izikrelemnqa zithe zakuqonda ukuba izinto zonakele zaphel'emehlweni, zingacelanga nendlela njengesiqhelo. Zilahle kwanto zisindisa nje ubom bazo. Zisishiye esinye isikrelemnqa sixabe endleleni sidliwa ziintlungu zembumbulu eshiye nje ulwamvila yagqitha.

4.1.1 Uyintoni uMaqhazolo apha eDikeni? (1)

4.1.2 Ngcinga ni enikwa ngamazwi akrwelelwe umgca ngaphantsi ngoMaqhazolo? (2)

4.1.3 Xela umkhwa ezazidume ngawo izikrelemnqa zaseBhayi. (1)

4.1.4 Sesiphi isiganeko esiqhubeke kanye emva kokudutyulwa kwesikrelemnqa? (2)

4.1.5 Xela udidi lwesafobe esibhalwe ngqindilili. (1)

4.1.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi: Ijelo lokubalisa elivezwa ngala mazwi: '… wakhulula irhuluwa kwahlokoma iDike yonke':

A Lelokuba ibali libaliswa ngomnye wabalinganiswa.
B Lelokuba ibali libaliswa ngumbhali ngokwakhe.
C Lelokuba ibali lenziwa lizithulule ngokwalo.
D Lelokuba ibali libaliswa kumntu wokuqala. (1)

4.1.7 Chaza okuthethwa ngumbhali ngeli binzana, '… zaphel'emehlweni'. (3)

4.1.8 Tyhila isigqebelo esivezwa sisenzo samadoda sokuphuma ephethe amaphini okubonda, imiphini yamazembe namakhuba okuhlasela isikrelemnqa. (2)

4.1.9 Sicatshulwe kweliphi inqanaba lebali isiganeko sokudutyulwa kwesikrelemnqa? Xhasa impendulo yakho. (3)

4.1.10 Xela isenzo sikaMaqhazolo esimenze ukuba abe liqhawe kweli bali. (2)

**KUNYE**

4.2 **'UMNTU AKALAHLWA' – LL Ngewu**

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA H**

Umke uTyhobeka nolo sapho engacelanga nendlela imcacele into yokuba le iza kuba yimhemhe yakhe. Ezi ntombi zihleli iiveki zantathu eTsilithwa kwabonakala ukuba uTyhobeka nosapho lwakhe bayasindwa nabo lolu sapho. Ezi ntombi zithe zakubona ubunzima beli khaya zagqiba kwelokuba ziye kudade kuThandile eMpheko zinzima zinjalo. Apho eMpheko zifike zingalindelwanga. Unge angasothula **isikhalo** uThandile exakiwe ukuba uza kuluthini usapho olungaka.

Zinwenwe ilali yonke iindaba zetitshalakazi ebekucaca ukuba igumbi eqashiselwe lona eMpheko liyindawo yokubelekela abakhulelweyo. Abantu abafundileyo bakhawuleza bampha igama lokuba ngu-*Midwife*. Ezinye iititshalakazi bezimenza isigculelo zisithi wayefanele ukuba ufundele ubongikazi angabunkatsheli. UThandile ebengonwabanga esikolweni, kanti naxa ebuyile ebengonwabi kuba ubesoloko engumntu onexhala lokuba kwinto etyiwayo kuza kuthatyathwa ntoni idityaniswe nantoni. Elona xhala ibikukuba ukuvela kwazo ezo ntsana zimbini ziza kuxhomekeka kuye kanti noonina bazo ngokunjalo.

Intombi kaMathidala itsale nzima kakhulu kangangokuba nakuba ibiphangela nje, akukho nto ibidiza ukuba ngumntu owamkelayo. Eyakhe imali ebeyicukuceza ayicukuceze kude kungasali kwanto. Inyanga ibiphela kungekho nesepha le yokuhlamba ubuso. Mhla babeleka oodade wabo kwaba nzima kakhulu kuThandile.Eyona nto ingummangaliso luhlobo owayebantantamise ngalo oodade wabo de axolele ukuba kungadli yena kunokuba kubekho olala engasiwanga nto emlonyeni.

4.2.1 Xela igama lendawo ezazivela kuyo ezi ntombi ukuze zibe zikwaTyhobeka? (1)

4.2.2 Linika mfanekiso ngqondweni mni igama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (1)

4.2.3 Sityhila ukuba ungumlinganiswa onjani uThandile isivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi? (2)

4.2.4 Chaza isimo sentlalo ngokwexesha esityhilwa sesi sivakalisi singezantsi.

Ezinye iititshalakazi bezimenza isigculelo zisithi wayefanele ukuba ufundele ubongikazi angabunkatsheli. (2)

4.2.5 Kwakutheni ukuze uMaMthi aziyeke iintombi zakhe zishiye ikhaya? (1)

4.2.6 Xela iingxaki zibeMBINI athe wahlangana nazo uMathidala kweli bali. (2)

4.2.7 Chaza isiganeko esiphembelela impixano kweli bali. (3)

4.2.8 Ngumqondiso wantoni umkhulungwane owenziwe yinja ukufika kweentombi zikaMathidala kwaTyhobeka? (2)

4.2.9 Ngqina ngeengongoma eziNTATHU ukuba uMathidala ngumlinganiswa oyintloko. (3)

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

## ICANDELO D: ISIHOBE

Phendula imibuzo esetwe kwimibongo YOMIBINI.

### UMBUZO 5: *VUKANI MADODA KUSILE* – A Stemela – Umhleli

5.1 Funda isicatshulwa sombongo esilandelayo uze uphendule imibuzo.

**AMASELE PHEZU KODONGA – MM Duka**

Ewe, phezu kodonga lomlambo,
Bee dwadwalala abomlambo.
Uphume ngendlu umzi kaSele,
Kwenziwa njalo xa konakele,
Kuboniswane ngezidla usapho.

Ladum' ibandla kwahlokom' iindonga,
Kukhahlelw' inkonyana yohlanga,
Imbishimbishi enokukratsha,
Eyathetha ngeenyoka yampatsha,
Isith' iinyoka zibhejel' amasele.

Yahlala phantsi sele igwintsa,
Umqal' ohlaza umfimfithisa.
Zagilan' iinduna ngezifuba
Zathuthuzela inkosi yathula.
Kwee nzwanga kungekho nosebezayo.

Vumbululu Xoxwazan' uNkonde,
Wathetha ephezu kwesikhondo:
'Asikagqibi minyakana simanyiwe.
Uyise kaYoli ugwintiwe.
Ngamatatasholo amadoda akwaSele.'
Avunuka amadoda aguguma.
Endumzela kwandila ugwaluma.
Kwalamla'Ndun' enkulu uNdubule:
'Madoda inyaniso iyahlaba.
Masifunzeni saphela kulo mhlaba.'
Vu phantsi iNduna kad ' ibilinga.
Yancin' amehlo yang'iyacinga.
Kwee thu mrhutyululu werhamba,
Kwaqala mcebi-cebo ukusaba.
Yee zulumbele loo ndimbane.

5.1.1 Xela isixhobo sohlalutyo esisetyenziswe kwizandi ezikrwelelwe umgca ngaphantsi kumqolo woku-1 nowesi-2. (1)

5.1.2 Tyhila intsingiselo yomqolo wesi-3. (2)

5.1.3 Caphula igama elibonisa ukuba induna inesiqu esikhulu kumqolo wesi-8. (1)

5.1.4 Tyhila intsingiselo yomqolo we-10. (2)

5.1.5 Xela udidi lwesafobe esikumqolo we-14. (1)

5.1.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi: Ijelo lokubalisa elivezwa sisitanza sesi-3 lelokuba:

A Umbongo ubaliswa ngomnye wabalinganiswa.
B Umbongo ubaliswa yimbongi ngokwayo.
C Umbongo wenziwa uzithulule ngokwawo.
D Umbongo ubaliswa kumntu wokuqala. (1)

5.1.7 Caphula umqolo okwisitanza sesi-3 othetha ukuba kwakuthulekile. (2)

5.1.8 Linika mfanekiso-ngqondweni mni igama elithi, 'Vumbululu' kumqolo we-16? (1)

5.1.9 Wahluke njani umqolo wama-24 kowama- 25 ngokwesakhiwo? (2)

5.1.10 Chaza isigqebelo esikwisenzo sikaNdubule kwakuba kuthe thu umrhutyululu werhamba. (2)

5.1.11 Ingaba lo mbongo usakufanele ukufundwa kule mihla? Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

5.2 Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo.

**FUNZELA ENZULWINI – SSM Mema**

Lishushu idabi kumathaf' obu bomi;
Kuqhum'amaqulo kuchachamb'umchiza;
Uxhob' ufohlel' umlisela nomthinjana,
Usilwa **noSathana**, usilwa **nobumnyama**.

Ayaxhaxh' amagwala, kuband'umchachazo.
Ubomi ngumzamo kosind'amakroti;
Ubomi ngumthwalo bufuna umqolo;
Umgomo um'umi ulind'umzingisi.

Ubomi lidabi lokulwa nomna;
Iyathimbis'inyama ayifuni kuthotyozwa,
Aying' ingaba lidini lokuzis'impumelelo,
Ayingi ingalinda ijonge inzaliseko.

Qina isibindi ukuze uphumelele.
Qul'uphethel'imini nobusuku bayo.
Qhekeza imichankcatho owele ngayo.
Ufunzel'enzulwini ungabuyi ngamva.

Mawuqaqambe umgomo phambi kwakho,
Uziqhiz' iimbophelelo ezikuqamangeleyo,
Uyibeke nxamny'imithwalo ekudodobelayo;
Ulubaleke ngomonde ugqats'olukumeleyo.

Wofuman 'abaninzi bengqengq' elungqamekweni,
Wofuman'iqela ligxampuz'emgxobhozweni.
Onke loo maqela akukhwebela kuwo;
Maz'ungawahoyi ufunzele enzulwini.

Ofun'igolide akaqhwayi emgqubeni,
Axel' isikhukukazi sifun'imibungu.
Ozingela izilo uthabatha izagweba,
Avuke kwangonyezi abuye nofele.

Oswele umgomo ufana nemfama,
Uyaphukaneka akhubeke awe;
Abe ngumqobo kwababahamba ngendlela,
Kulahleke kunye naye inkitha yezimathi.

Qubul'isikrweqe ulw'ube magazana,
Ubomi ngumgudu, wovuzwa wakubila;
Umhlab'uyahlaba awufuni nkenenkene.
Amandl' oba ngawakho wakufunz' elenzulwini.

Indlela ilucinya yaye ingumnqantsa;
Ifunyanwa ngamachule iint'eziwa ngamadolo,
Zicele amandla kuMenzi wento zonke,
Ongecala lakhe wofikelela enzulwini.

5.2.1 Unika ntsingiselo ni umqolo woku-1? (2)

5.2.2 Xela ukuba isetyenziselwe ntoni imiqondiso ebhalwe ngqindilili kulo mqolo ungezantsi.

'Usilwa **noSathana**, usilwa **nobumnyama**.' (2)

5.2.3 Cacisa ukuba kutheni imbongi ibuthelekisa nedabi ubomi kumqolo we-9. (3)

5.2.4 Imiqolo ye-13 ukuya kowe-15 inxulumana njani nesihloko sombongo? (2)

5.2.5 Tshatisa umongo OKUKHOLAM B nesitanza esikuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Kwisitanza sesi-6 imbongi | (i) Isikhuthaza kulonwabo |
| (b) Kwisitanza sesi-7 imbongi | (ii) Isikhwebula kwabangendawo |
| | (iii) Isikhuthaza ukuba somelele |

(2 x 1) (2)

5.2.6 Sifana ngantoni isitanza sesi-5 nesesi-6 ngokwesakhiwo? (2)

5.2.7 Imbongi ithi kufuneka enze njani umntu ofuna impumelelo kwimiqolo yama-25 ukuya kowama-27? (2)

5.2.8 Ifunyanwa ngabantu abanjani ngokwembongi indlela elucinya ngokwakwisitanza sesi-8? (1)

5.2.9 Mfundiso ni edluliswa yimbongi ngalo mbongo? (2)

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**